



Edition 65  
IsiXhosa, English

It starts with a story...

## Inspire your children to read every day!

**Is your home a reading home? Are stories part of your family's daily life? Reading to your children helps them to discover the magic of books. When you read to your children, you teach them that books allow us to explore other people's lives and to go on adventures to different places without ever leaving our homes!**

If your children only read at school and when they do homework, then they will learn to link reading with work and not with pleasure. We need to read to our children if we want them to learn that reading can be an enjoyable and entertaining activity. Knowing this is what inspires them to want to read – and then to read more and more. This is how they establish a satisfying lifelong relationship with books and reading. And, in addition to this benefit, there are lots of research studies to show that the more children read at home, the better they do at school.

But reading to your children can't just happen once or twice. It needs to be one of the regular activities in your home. Here are three tips to help you make reading a part of your family's daily life.

- ★ **Be a role model.** When your children see you reading on a regular basis, they learn that reading is important, without you ever having to actually tell them this! Talk to your children about what you are reading and encourage them to ask questions about it.
- ★ **If you want them to read, read to them.** Decide on a time of day that you will sit with your children and enjoy a book together – and then, do this every day! Spending quiet, relaxing times reading together, helps you connect with your children.
- ★ **Develop children's confidence.** Value your children's attempts to read, just like you valued their first words! Give them lots of support to develop their confidence – that's half the battle with learning. Encourage them to read to you. Listen to their pretend reading. Let them try to read something that they choose – even if it is a little difficult for them. Unless they ask you for help, just enjoy listening to them read, without correcting them. Children need to behave like readers to *become* readers.




## Vuselela abantwana bakho ukuze bafunde yonke imihla!

**Ingaba ikhaya lakho likhaya ekufundwayo kulo? Ingaba amabali ayinxalenye yobomi bemihla ngemihla kusapho lwakho? Ukufundela abantwana bakho kubanceda ukuba bafumane imimangaliso yeencwadi. Xa ufundela abantwana bakho, ubafundisa ukuba iincwadi zisivumela ukuba siphonononge ubomi babanye abantu kwaye sithatha nohambo lwezehlo olonwabisayo oluya kwiindawo ezohlukileyo singakhange siwashiyi amakhaya ethu!**

Ukuba abantwana bakho baphelele ekufundeni esikolweni naxa besenza umsebenzi wesikolo ekhaya, baza kufunda ukunxulumanisa ukufunda nomsebenzi, bangakunxulumanisi nobumnandi. Kufuneka sibafunde abantwana bethu xa sifuna ukuba bafunde ukuba ukufunda kungangumsebenzi omnandi wokuzonwabisa. Ukwazi oku yiyona nto ibavuselela ukuba bafunde ukufunda – khona ukuze bafunde ngakumbi nangakumbi. Le yindlela abaseka ngayo ubudlelwane obanelisayo kubomi babo bonke kunye neencwadi nokufunda. Kananjalo, ukongeza kule nyhweba, uphando oluninzi lubonisa ukuba okona abantwana befunda ekhaya, kokukona beza kwenza ngcono esikolweni.

Kodwa ukufundela abantwana bakho asinto enokwenziwa nje kanye okanye kabini kuphela. Kufuneka ibe yenye yezinto ezenziwa rhoqo ekhayeni lakho. Nazi iingcebiso ezintathu zokukunceda wenze ukufunda kube yinxalenye yobomi bemihla ngemihla bosapho lwakho.

- ★ **Kufuneka ube ngumzekelo.** Xa abantwana bakho bekubona ufunda rhoqo, bafunda ukuba ukufunda kubalulekile, ungakhange ude ube wena ubaxelele oko! Thetha nabantwana bakho malunga noko ukufundayo uze ubakhuthaze ukuba babuze imibuzo malunga nako.
- ★ **Ukuba ufuna bafunde, bafundele.** Thatha isigqibo ngexesha oya kuhlala ngalo nabantwana bakho, nonwabele incwadi kunye – nize nikwenze oko yonke imihla! Ukufumana ixesha elizolileyo nelokuphumla, nifunda kunye, kunceda ukunenza umtya nehunga nabantwana bakho.
- ★ **Phuhlisa ukuzithemba kwabantwana.** Bonakalisa ukuzixabisa iinzame zabantwana bakho zokufunda, nanjengoko ubonakalisa ukuwaxabisa amagama abo okuqala abawathethayo! Banike inkxaso kangangoko ukuze kuphuhle ukuzithemba kwabo – ukwenza oku kuthetha ukuba inxalenye yedabi lokufunda sele iphonyelelwe. Bakhuthaze ukuba bakufundele. Phulaphula xa besenza ngathi bayafunda. Bavumele ukuba bazame ukufunda into abazikhethela yona – nokuba loo nto inzinyana kubo. Ngaphandle kokuba bacele ukuba ubancede, yonwabela nje kuphela ukubamamela befunda, ungabalungisi ziphene. Abantwana kufuneka baziphathe njengabafundi ukuze babe ngabafundi.



It's International Day of Families on 15 May!  
Enjoy our family story on pages 3 to 6 of this supplement.

**Ngomhla we-15 kuCanzibe luSuku lwaMazwe ngaMazwe lweNtsapho! Yonwabela ibali lethu losapho elikwiphapha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.**



Drive your imagination

Read to me. Every day.  
Ndifundele. Yonke imihla.





## Story stars

### Singing the praises of reading!

**Nal'ibali** caught up with award-winning jazz singer, and mother, Judith Sephuma. She told us about the stories she likes to share with her own children and explained why we all need to read aloud to our children every day to help develop their literacy.

#### My favourite thing about being a parent is ...

... watching them grow and become responsible beings. From crawling, sitting and teething, to being able to utter their first words!

#### Watching my children learn to read and write is ...

... a relief that brings on a certain kind of excitement. It makes me proud when I see them actually read and write.

#### The stories/books I like to tell my own children are ...

... about growth and anything fun that has to do with animals; something that will make them creative and help them imagine what I am talking about.

#### We need to share stories with our children because ...

... they love listening to stories! It helps them with focus at school, it teaches them concentration and it creates an interest in reading.

#### As a child growing up in Polokwane, the story I remember ...

... is one my grandma used to tell us about Tselane. A giant had to swallow a very hot rod to have a thin voice to trick Tselane into coming to him. It's a really good story!

#### As a role model, my message is ...

... children enjoy reading as it increases their interest and helps to relax them as they get to use their imaginations! Read regularly to them – even 20 minutes a day can make a huge difference to their future success!



Judith Sephuma

## Iimbalsane zamabali

### Ukudumisa ukufunda!

**UNal'ibali** uhlangene nomculi wejazz ophumelele iimbasa, uJudith Sephuma. Usixelele ngamabali athanda ukwabelana ngawo nabakhe abantwana waze wachaza nokuba kutheni sonke kufuneka sifundele abantwana ngokuvakalayo yonke imihla nje ukuze sancedise ekuphuhliseni ilitheresi yabo.

#### Eyona nto ndiyithandayo ngokuba ngumzali ku...

... kubabukela bekhula besiba ngabantu abadala abathatha uxanduva. Ukususela ekukhaseni, ekuhlaleni nasekuphumeni kwabo amazinyo, ukuya kwixesha lokuqala kwabo ukuthetha amagama abo okuqala!

#### Ukubukela abantwana bam befunda ukufunda nokubhala ku...

... sisiqabu esizisa uhlobo oluthile lochulumanco. Kundera ndizingce xa ndibabona befunda kwaye behhala.

#### Amabali endithanda ukuwabaliseka abantwana bam ...

... amalunga nokukhula kunye nantoni na eyonwabisiyo enento yokwenza nezilwanyana; into eza kubenza babenobuchule bokucinga kwaye ibancede babenomfanekiso-ngqondweni woko ndithetha ngako.

#### Kufuneka sabelane ngamabali nabantwana bethu kuba ...


... bayakuthanda ukumamela amabali! Kubanceda bakwazi ukuzikisa ingqondo esikolweni, kubafundisa ukugqala okufundiswayo kuze kudale nomdla ekufundeni.

#### Njengomntwana okhulele ePolokwane, ibali endisalikhumbulayo ...

... libali umakhulu wam awayedla ngokusibaliseka lona elingoTselane. Isigebenga kwafuneka siginye intsimbi etshisayo ukuze sibe nelizwi elincinane eliyakusenza sikwazi ukuqhatha uTselane ukuba aphume eze kulo. Libali elimnandi ngokwenene elo!

#### Njengomntu ongumzekelo, umyalezo wam uthi ...

... abantwana bayakonwabela ukufunda kuba oko kwandisa umdla wabo kwaye kubanceda baphumle lo gama besebenzisa amandla abo emifanekiso-ngqondweni! Bafundele rhoqo – ndiitsho nemizuzu engama-20 kuphela ngemini ingenza umahluko omkhulu kakhulu empumelelweni kumakamva abo!



## Nal'ibali on radio!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show:

Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.40 a.m.

SAfm on Monday, Wednesday and Friday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.



## UNal'ibali kunomathotholo!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali:

Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.40.

SAfm ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.

### Create your own cut-out-and-keep book


1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. Fold it in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again.
4. Cut along the red dotted lines.

### Zenzele eyakho incwadana onokuyisika-ze-uyigcine


1. Thatha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.
2. Wasonge phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge phakathi.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



... I looked and looked. What did I see?  
 There was ...  
 ... ndajonga, ndajonga. Ndabona ntoni?  
 Kwakukho ...



One day, I went into our room and ...  
 Ngenye imini, ndangena egumbini lethu ...



Fold

# The Little Library



*Perfectly me* is one of 36 stories available in the Little Library Kits for Numeracy, Literacy and Life Skills. Each kit contains 60 readers (5 copies of 12 stories), 12 big books, 12 posters and a comprehensive teacher's guide. The readers and the big books are available in all 11 official languages. For more information please visit our website [www.cup.co.za](http://www.cup.co.za).

Cambridge University Press  
 P O Box 50017, V&A Waterfront, 8002  
 Tel 021-4127800 | Fax 021 4198418  
 Email [info@cup.co.za](mailto:info@cup.co.za)



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



INal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)




Fold

CAMBRIDGE

# Perfectly me

## Mna ngokugqibeleleyo

Martie Preller  
 Ian Lusted



My mother loves my sister, Aisha, but she also loves me!


Umama wam uyamthanda udadewethu, u-Aisha, kodwa nam nyandithanda!



This is my sister, Aisha, and this is me!  
Lo ngudadewethu, u-Aisha, ze ibe ndim lo!

... a monster looking at me! Can a mother love a monster like me?

... irhamncwa eloyikakayo lindijongile! Ingaba umama angathanda irhamncwa eloyikeka njengam?



But I am also perfectly me!  
Kodwa nam ngokwam ndigqibelele.

So I had a bath.  
Ndahlamba.



My sister, Aisha, always combs her hair, but I can't find my comb.  
Udadewethu, u-Aisha, uchaza iinwele zakhe qho, kodwa mna andikwazi kufumana ikama yam.



Fold



My sister, Aisha, is perfect. Don't you agree?

Udadewethu, u-Aisha, ugqibelele.  
Awuvumelani nam?




My sister, Aisha, is perfect, but I am just me.

Udadewethu, u-Aisha, ugqibelele, kodwa mna ndindim nje.

Fold

My sister, Aisha, always brushes her teeth,  
but I can't find my toothbrush.  
Udadewethu, u-Aisha, uhlamba amazinyo  
akhe qho, kodwa mna andiyifumani ibrasshi  
yam yamazinyo.



My sister, Aisha, always washes her face,  
but I can't get out of bed.

Udadewethu, u-Aisha, uhlamba ubuso  
bakhe qho, kodwa mna andikwazi  
ukuphuma ebhedini.

I washed my ears. I washed my nose.  
I washed my feet. I washed my toes.  
Ndahlamba iindlebe zam. Ndahlamba  
impumlo yam. Ndahlamba iinyawo zam.  
Ndahlamba iinzwane zam.



I combed my hair and brushed my teeth.

Ndachaza iinwele zam, ndahlamba  
amazinyo am.

## Get creative!

Words make us think! Here are some quick, fun word games to play with your family and at your reading club.

**You will need:** paper; scissors; pens or pencils; Prestik (optional)

### What to do:

1. Prepare for the activity by cutting up paper into small pieces that are about 4 cm x 5 cm. It doesn't matter if the measurements are not exact. If you can use sheets of different coloured paper, that is even better!
2. Give each person between 8 and 10 pieces of paper and a pencil or pen.
3. Write one word on each piece of paper. As you do this:
  - don't think too much about what words to write, rather write down the words that pop into your head!
  - don't worry about spelling the words correctly – that can always be corrected later, as long as the person writing the word knows what it says
  - help younger children by writing the words they tell you.
4. Put all the words in an open area (like on a wall or on the floor) where everyone can see them. Then try out one or more of these ideas.
  - Choose words to combine into unusual pairs. For example: *monster stars, fly flowers.*
  - Choose one word, then see how many of the other words you can use with it. For example: *lost flowers, lost monster, lost stars, lost window, lost window flowers, lost fly etc.*
  - Choose 10 words and see how many different sentence combinations you can make with them. (You may need to use other words, like *the, and, a, to, but, on* to link the words you chose.)
  - Choose words and build poems with them. You'll need to add linking words here too.



## Sebenzisa ubugcisa bakho!

Amagama asenza sicinge! Nantsi eminye yemidlalo yamagama ekhawulezayo neyonwabisayo, onokuyidlala nosapho lwakho nakwikabhu yakho yokufunda.

**Uza kudinga:** iphepha; isikere; iipeni okanye iipensile; iprestik (ayinyanzelekanga)

### Yintoni ekufuneka uyenze:

1. Yenza amalungiselelo alo msetyenzana ngokusika iphepha libe ziziqwengana ezincinane ezingange-4 cm x 5 cm. Akukho ngxaki ukuba imilinganiselo ayibambekanga ncam. Ukuba unokusebenzisa amaxwebhu amaphepha ayimibala eyohlukileyo, kungangcono kakhulu!
2. Nika umntu ngamnye iziqwenga zephepha eziphakathi kwesi-8 ne-10 kunye nepeni okanye ipensile.
3. Bhala igama elinye kwisiqwenga ngasinye sephepha. Xa usenza oku:
  - musa ukucinga kakhulu ngokuba ngawaphi amagama ekufuneka uwabhale, koko bhala nje amagama azifikelayo engqondweni yakho!
  - musa ukuzihlupha ngokuwapela ngokuchanekileyo amagama – oko kungalungiswa kamva, kwanele ukuba umntu obhala igama elo uyayazi intsingiselo yalo.
  - nceda abantwana abancinane ngokubabhalela amagama abakuxelela wona.
4. Wabeke onke amagama kwindawo evulelekileyo (efana nodonga okanye umgangatho) apho wonke ubani anokuwabona. Emva koko zama ibenye nangaphezulu kwezi ngcebiso.
  - Khetha amagama aza kuhlanguka enze izibini ezingaqhelekanga. Umzekelo: *iinkwenkwezi ezingamagongqongqo, iintyatyambo ezibhabhayo.*
  - Khetha igama elinye uze ukhangele ukuba mangaphi amanye amagama onokuwasebenzisa kunye nalo. Umzekelo: *intyatyambo elahlekileyo, igongqongqo elilahlekileyo, iinkwenkwezi ezilahlekileyo, ifestile elahlekileyo, iintyatyambo zasefestileni ezilahlekileyo, impukane elahlekileyo, njalo njalo.*
  - Khetha amagama ali-10 uze ukhangele ukuba zingaphi izibini okanye amabizana onokuwenza xa uwadibanisa. (Mhlawumbi kuza kufuneka ukuba usebenzise amanye ala magama alandelayo: *yam, le, kunye, zona, kodwa, phezu*; ukudibanisa izibini namabizana owakhethileyo.)
  - Khetha amagama uze wenze umbongo usebenzisa wona. Kuza kufuneka wongeze amagama ahlanganisayo nalapha.

## Collect the Na'ibali characters

Cut out and keep all your favourite Na'ibali characters and then use them to create your own pictures, posters, stories or anything else you can think of!

### About Gogo

**Grandchildren:** Neo, Mbali

**Languages she speaks:** isiZulu, isiXhosa, Sepedi, English and a little bit of French

**Favourite hobby:** running a reading club on Saturday afternoon

**Favourite colour:** yellow

**Favourite drink:** tea

**Stories she likes:** romance novels and stories on the radio



## Qokelela abalinganiswa beNa'ibali

Sika ugcine bonke abalinganiswa obathandayo beNa'ibali, uze ubasebenzisele ukwenza eyakho imifanekiso, iipowusta, amabali okanye nantoni na onokucinga ngayo!

### Okumalunga noGogo

**Abazukulwana:** nguNeo noMbali

**Ilwimi azithethayo:** isiZulu, isiXhosa, iSepedi, isiNgesi kunye nesiFrench kancinane

**Eyona nto athanda ukuyenza xa ephumle:** ukuqhuba iklabhu yokufunda ngoMgqibelo emva kwemini

**Owona mbala awuthandayo:** utyheli

**Esona siselo asithandayo:** yiti

**Amabali awuthandayo:** iinoveli ezingothando kunye namabali kunomathotholo

### Here's an idea...

- Cut out and colour in the picture of Gogo and then paste it on a large sheet of paper. Add other things to the picture to make it your own picture. Then write a caption for your picture.
- Write a few paragraphs of the story that Gogo is reading next to the picture of her.
- Keep the picture in a safe place and when you have collected all the Na'ibali characters, use them to create your own Na'ibali poster!

### Nantsi ingcingane...

- Sika uze ufake umbala emfanekisweni kaGogo, uze uwuncamathisele kuxwebhu olukhulu lwephepha. Yongeza ezinye izinto emfanekisweni ukuze uwenze owakho. Emva koko bhala isihlokwana esifutshane esibalisa ngalo mfanekiso.
- Bhala imihlathi embalwa ngebali uGogo alifundayo ecaleni komfanekiso wakhe.
- Wugcine lo mfanekiso endaweni ekhuselekileyo uze xa ubaqokelele bonke abalinganiswa beNa'ibali, ubasebenzisele ukuzenzela eyakho ipowusta yeNa'ibali!

## Story corner

Here is the final part of the story in which Amina is trying to find someone to help give her special toy-friend all the things he needs. Enjoy reading it aloud or telling it.

### Whatzit (Part 2) by Jude Daly

Amina went to find her middle sister, Fozia.

"What's that?" asked Fozia.

"Whatzit," said Amina. "Whatzit needs a nose."

"Okay," said Fozia, "but we must be quick, I'm really busy and still have so much to do." Fozia helped Amina sew a nose for Whatzit, a little turned up nose.

"And eyes," said Amina. But, already Fozia was not listening. So, Amina went to find her oldest sister, Shireen.

On the way, Amina's Dad saw her.

"What's that?" asked her Dad.

"Whatzit," said Amina. "Whatzit needs eyes."

"I've got some," said her Dad, "but we must be quick, I still have so much to do."

Amina and her Dad sewed on Whatzit's eyes – two sparkly button eyes.

"And a tail," said Amina.

"Well, I can't help you with that," said her Dad.

So, Amina went on to find her oldest sister, Shireen.

"Oh, my gosh," said Shireen, "where did you find that?" Amina told her.

"Wow!" said Shireen. "I was making it to give to you when you were born, but I lost it somewhere before it was finished."

Amina handed Whatzit to Shireen. "Oh, my gosh," said Shireen, "it's so cute. Has it got a name?"

"Whatzit," said Amina, "and Whatzit needs a tail."

So Amina and Shireen made a tail for Whatzit – a wiggly-waggly tail! Then Amina and Shireen looked at Whatzit and Whatzit smiled back at them!

"How about curly-wurly hair?" asked Shireen, "and some pointy ears? But then you're out of here because I'm really busy and still have my own things to do."

Amina took Whatzit back to her room and propped him up between Eli and Dassistie and opposite Rabbit and Mouse. Then she made a fresh pot of tea.

Amina drank one cup and so did Eli, Dassistie, Rabbit and Mouse, but Whatzit was very thirsty and drank three cups. After all, he had waited a long, long time for tea!



Illustration by Magriet Brink  
Umfanekiso nguMagriet Brink

Tell us if you liked the story, *Whatzit* – SMS "Bookmark" with your name and your comments to 32545. R1,00 per SMS.

Sixelele ukuba ulithandile kusini na ibali elisihloko sithi, *Yin'a le*. SMSa u-"Bookmark" negama lakho kunye namagqabantshintshi akho ku-32545. I-SMS nganye ixabisa i-R1,00.

### In your next *Nal'ibali* supplement:

- Encouraging children to play with books
- *Nal'ibali* puzzle fun
- A special 24-page cut-out-and-keep book containing a story from Africa in celebration of Africa Day on 25 May: *The singing chameleon*

Are you on Mxit? Download the *Nal'ibali* app for literacy tips, reading club ideas and stories in a range of South African languages to enjoy on your phone. Go to <http://mxitapp.com/nalibali/signup> to get started.

Find us on Facebook:  
[www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)  
Sifumane ku-Facebook:  
[www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)



### Kuhlelo lwakho olulandelayo lwe*Nal'ibali*:

- Ukukhuthaza abantwana ukuba badlale ngeencwadi
- Ukuzonwabisa ngephazili ye*Nal'ibali*
- Incwadana onokuyisika-ze-uyigcine ekhethekileyo nenamaphepha angama-24 enebali lase-Afrika lokubhiyozela uSuku lwe-Afrika ngomhla wama-25 kuCanzibe: *ULovane Oluculayo*

Ingaba uku-Mxit? Kopa i-app ye*Nal'ibali* ufumane iingcebiso zeliitheresi, iingcebiso zeklabhu yokufunda kunye namabali angeelwimi ezohlukileyo zaseMzantsi Afrika onokuwonwabela kwiselula yakho. Yiya ku-<http://mxitapp.com/nalibali/signup> nalapho uyakuqalisa khona.

## Indawo yamabali

Nantsi inxalenye yokuqala yebali elimalunga no-Amina kunye nomhlobo wakhe oyithoyi, uYin'a le, onokonwabela ukulifunda ngokuvakalayo okanye ulibalise.

### Yin'a le (Inxalenye 2) libhalwe nguJude Daly

U-Amina wakhangele udade wabo ophakathi, uFozia.

"Yintoni leyo?" kubuza uFozia.

"NguYin'a le," kutsho u-Amina. "UYin'a le udinga impumlo."

"Kulungile," kutsho uFozia, "kodwa kufuneka sikhawulezise, kuba ndixakeke kakhulu kwaye kuninzi ekusafuneka ndikwenzile." UFozia wanceda u-Amina bathungela uYin'a le impumlo, impumlo encinane ephequkileyo.

"Kunye namehlo," watsho u-Amina. Kodwa uFozia wayesele engasammamelanga. Ngoko ke, u-Amina waya kukhangela udade wabo omdala, uShireen.

Endleleni eya kuye, u-Amina wabonwa ngutata wakhe.

"Yintoni leyo?" wabuza utata wakhe.

"NguYin'a le," watsho u-Amina, "UYin'a le udinga amehlo."

"Akhona endinawo, watsho utata wakhe, "kodwa kufuneka sikhawuleze, kuninzi ekusafuneka ndikwenzile."

U-Amina kunye noTata wakhe bathungela uYin'a le amehlo – amehlo amabini amenezelayo angamaqhosha.

"Kunye nomsila," watsho u-Amina.

"Hayi ke, andikwazi kukunceda ngaleyo," watsho uTata wakhe.

Ngoko ke, u-Amina waya kukhangela udade wabo omdala, uShireen.

"Owu, Nkosi yam," watsho uShireen, "Uyifumene phi loo nto?" U-Amina uye wamxelela. "Wowu!" watsho uShireen, "Ndandiyenzela wena ndiza kukunika yona ukuzalwa kwakho, kodwa yalahleka phambi kokuba ndiyigqibe."

U-Amina wanika uShireen uYin'a le. "Owu, Nkosi yam," watsho uShireen, "ayisente ngako. Inalo igama?"

"NguYin'a le," watsho u-Amina, "kwaye uYin'a le udinga umsila."

Bathe ke, u-Amina noShireen benzela uYin'a le umsila – umsila onoboya otshikizayo! Emva koko u-Amina noShireen bajonga uYin'a le waze yena wabancumela!

"Kunganjani ngesihluthu seenwele zewulu eziphothiweyo entloko?" wabuza uShireen, "kunye neendletyana eziziso? Kodwa ke kufuneka uhambe apha kuba ndisaxakekile kwaye ndisenezinto zam ekufuneka ndizenzile."

U-Amina wathatha uYin'a le waya naye egumbini lakhe waze wamhlalisa phakathi kuka-Eli noDassistie bangqamana noRabbit noMouse. Emva koko uye wenza enye itipoti yeti.

U-Amina waphunga ikomityi yanye ngokunjalo no-Eli, noDassistie, noRabbit kunye noMouse, kodwa uYin'a le yena waphunga iikomityi ezintathu kuba wayenxanwe kakhulu. Kaloku, kwakukudala kakhulu eyilindile kwaye eyibawela iti!